Isifundo 7

**8-14 Meyi*

Umnqophiso ESinayi

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

Dut. 1:29–31; Hos. 11:1; IsiTyh. 5:9; Dut. 29:10–13; Eks. 19:5, 6; Roma 6:1, 2; IsiTyh. 14:12; Roma 10:3.

Indima Yenkumbulo:

"Nina niyibonile into endiyenzileyo kumaYiputa, ukuba ndanithwala ngamaphiko okhozi, ndanizisa kum" *(Eksodus 19:4)*.

Inkwenkwana encinane, engonye kubantwana abasixhenxe, yafumana ingozi yabalekiswa esibhedlela. Kwakunqabile ukuba kubekho yonke into ekhayeni layo. Yayingazange ifumane ngaphezu kwenxalenye yeglasi yobisi. Ukuba iglasi izele, yayiselwa ngabantwana ababini, kwaye nawuphi othe wasela kuqala, kwakufuneka alumke angaseli kakhulu. Emva kokuba le ntwana yenziwe yeva kamnandi esibhedlela, umongikazi wayiphathela iglasi enkulu yobisi. Yayikhangela okomzuzwana ngokuyibawela, yaza, ikhumbula intlupheko yasekhaya, yabuza, 'Ndisele kangakanani?' Umongikazi, entanyazisa amehlo, waginy' ingwiqi, wathi, 'Lusele lonke, sana, lusele lonke!' "—H. M. S. Richards, "Free Grace," *Voice of Prophecy News*, Juni 1950, p. 4. Njengale ntwana, yayililungelo likaIsrayeli wakudala, njengoko ilelethu nathi, ukusela nzulu kumaqula osindiso. Ukuhlangulwa kukaIsrayeli kususela kwiinkulungwane zobukhoboka nengcinezelo kwakusisibonakaliso esimangalisayo sobabalo lukaThixo. Kwangokunjalo, ubabalo lukaThixo luyabandakanyeka kokwethu ukukhululwa esonweni. Iveki Ngokuyithi Tshazi: Mfanekiselo mni owasetyenziswa nguYehova ukuchaza ulwalamano nolwakhe noIsrayeli? Kungaziphi iindlela athi amabali eMfuduko neSinayi ahambelane nosindiso lomntu? Yayithini indawo yomthetho kumnqophiso waseSinayi?

**Funda isifundo sale veki ulungiselele iSabatha kaMeyi 15.*

Cawa

9 Meyi

Phezu Kwamaphiko Okhozi

Njengabantu, uIsrayeli wayetshone zwabha kubuhedeni baseYiputa iinkulungwane ezinde nezinzima, amava, ngaphandle kwentandabuzo, akwenza kwamfiliba ukumazi uThixo, intando yaKhe, nokulunga kwaKhe. Wayeza kubabuyisela njani kuYe uYehova? Ukuqala, wayeza kubonisa ukuqiniseka kokumthanda kwaKhe uIsrayeli, waza wakwenza oku ngemisebenzi yaKhe yamandla okuhlangula. Wayeza kuqala ngokuloba isizwe ukuba singene ekusabeleni kothando kwicebo lomnqophiso waKhe. UThixo waqala wasikhumbuza isizwe ngezenzo zaKhe zemfesane ngenxa yabo eSinayi.

Yeyiphi imiboniso emibini echaza indlela uYehova awamkhupha ngayo uIsrayeli eYiputa ukuya eSinayi? Eks.19:4,Dut.32:10–12

Dut.1:29-31,Hos.11:1

Yintoni le miboniso eyayiza kuyifundisa uIsrayeli (nathi) ngendalo yengqondo (okanye yomoya) kaThixo ngakubantu baKhe?

Le miboniso ixela ukuba uThixo wethu ukwazi kakhulu ukungabi nakuzinceda kwethu. Funda INdumiso 103:13, 14. Kuyo yomibini imifanekiso yokhozi nomzali othwale okanye obeleke umntwana wakhe sibona ukukhathala kukaThixo ngentlala-kahle yethu. Ngothando, ngokuxhasa, ngokukhusela, ngokukhuthaza, umnqweno waKhe kukusizisa ekukhuleni okupheleleyo. “Ukhozi lwalusaziwa ngokuzinikela ngokungaqhelekanga kubantwna balo. Nalo lalihlala ezincotsheni zentaba. Ekufundiseni amantshontsho alo ukubhabha lalaliwathwala emqolo lintingele kwezona ndawo ziphakame kakhulu ezikrobe kumathafa eSinayi, lize liwayeke awele ezantsi. Ukuba intsontsho liselincinane kakhulu lisoyika ukubhabha, utata wokhozi ebeziphosa ngaphantsi kwalo, alibambe emqolo, aphinde abhabhe nalo kuyiwe kwiindlwana zawo ezisemaweni. Leyo ke, litsho ilizwi likaThixo, ‘yindlela endanikhupha ngayo eYiputa ukunizisa kum.’”—George A. F. Knight, *Theology of Narration* (Grand Rapids, MI: William B. Eerdmans Publishing Company, 1976), p. 128.

Thelekisa umdla kaThixo nomdla wethu omnye komnye. Ukukhathala kwaKhe ngathi kumele ukukusulela njani okwethu ukukhathala ngabanye? Ngokwamava akho, yeyiphi imiboniso yakho uqobo onokuwacinga ukuchaza umdla kaThixo kuthi ongenamona? Zenzele imifanekiso embalwa, ngamava wakho; yizobe nokuba yeyiphi inkcubeko ophila kuyo. Yabelana neklasi ngayo.

Mvulo

10 Meyi

Umfuziselo Wosindiso

"Yithi ngoko koonyana bakaIsrayeli, ndinguYehova: ndiya kunikhupha phantsi kwemithwalo yamaYiputa, ndinihlangule enkonzweni yawo, ndinihlawulele, ndinikhulule ngengalo eyolukileyo, nangezigwebo ezikhulu; ndinithabathe nibe ngabantu bam, ndibe nguThixo wenu; nazi ukuba ndinguYehova uThixo wenu, onikhuphayo phantsi kwemithwalo yamaYiputa" (Eks. 6:6, 7).

Khangela ezi ndima zingentla: Nguwuphi umthetho-siseko esiwubonayo kuzo, ngokwangaphambili, ngokubhekiselele kwindawo kaThixo ngakuluntu emnqophisweni wolwalamano (khangela ukuba livela kangaphi igama u-NDI kwezo ndima)?

Ukuhlangulwa kukaIsrayeli ebukhobokeni baseYiputa nokuhlangulwa kukaNowa nosapho lwakhe kuNogumbe ziziganeko ezibini ezigqamileyo zosindiso kwimibhalo kaMoses. Zozibini zinika iimbono kwisayensi yosindiso. Kanti ke, sisiganeko seEksodus ngokukodwa esinika umfanekiso osisiseko. Xa uThixo wayesithi kuIsrayeli (ngoMoses) "Ndiya kunihlangula" (Eks. 6:6), eyona nto wayeyithetha yethi, "Ndiya kuba ngumhlawuleli owalameneyo" okanye i-go'el. "Igama u-mhlawuleli kwindima yesi-6 [kaEksodus 6] libhekisa kwilungu losapho elibuya lithenge okanye lihlawulele elinye ilungu losapho, ngakumbi xa elo lungu lalisebukhobokeni ngenxa yetyala okanye liza kuya ebukhobokeni. Kuyacaca ukuba uIsrayeli wayengenaye alamene naye owayengamhlawulela, kodwa uThixo ngoku wayesisizalwane (elamene), engumhlawuleli wakhe olamene naye."—Bernard L. Ramm, *His Way Out* (Glendale, CA: Regal Books Division, G/L Publications, 1974), p. 50.

Uyiqonda njani imbono kaThixo "ehlangula," okanye ethenga kwakhona, abantu baKhe ebukhobokeni? Laba yintoni ixabiso ekwafuneka lihlawulwe? Kusixelela ntoni oko ngexabiso lethu? (Bona: Marko 10:45, 1 Tim. 2:6, IsiTyh. 5:9.)

KuEksodus 3:8 uThixo uthi "uhlile" ukuba ahlangule uIsrayeli. Esi sisenzi sesiHebhere esiqhelekileyo sokuba uThixo ahlangane noluntu. UThixo usezulwini, thina sisemhlabeni, kwaye kuphela xa uThixo "ehlile" weza emhlabeni apho anokuthi asihlangule. Ukuyiqonda ngokwenene ingcamango, kwaba kuphela akuba uYesu ehlile, waphila, wabandezelwa, wafa, wabuya wavuka ngenxa yethu esinokuthi sihlangulwe. "ULizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu" (Yohane 1:14) yenye indlela yokuthi uThixo wehla ukuba asisindise.

Umnqophiso WaseSinayi

Incwadi yeEksodus itsalela ingqondo yomlesi kwiziganeko ezikhulu ezithathu. Njengeentaba ezintathu, iEksodus [imfuduko] ngokwayo, isimiselo somnqophiso, nokwakhiwa komnquba—ingcwele ezo zinyuka ngaphezu kweenduli zeziganeko ezinganeno. Ukumiselwa komnqophiso, okubhalwe kuEksodus 19 ukuya kuma-24, kwakuyintaba iEverest kuzo xa zizontathu. Ukwandlalwa kweziganeko zikaEksodus 19 ukuya kuma-24 kubonisa ukulandelelana nokwalamana kweziganeko. Nokuba akunalo ixesha lokuzikhangela iindima ezibhalwe apha ngezantsi, qwalasela ukulandelelana kweziganeko:

1. Ukufika nokuhlala kukaIsrayeli eSinayi emva kokuhlangulwa nguYehova (Eks. 19:1, 2).
2. Ukuceba kukaThixo umnqophiso noIsrayeli (Eks. 19:3-6).
3. Ukusabela kukaIsrayeli ekwamkeleni umnqophiso (Eks. 19:7, 8).
4. Amalungiselelo okwamkelwa komnqophiso ngendlela efanelekileyo (Eks. 19:9-25).
5. Ukuvakaliswa kweMithetho eliShumi (Eks. 20:1-17).
6. UMoses abe ngummeli womnqophiso (Eks. 20:18-21).
7. Imithetho-siseko yomnqophiso isandlalwa (Eks. 20:22 ukuya kuEks. 23:22).
8. Ukulungiswa komnqophiso (Eks. 24:1-18).

Lo mnqophiso udlala indawo ebaluleke kakhulu kwicebo losindiso. Ungumnqophiso wesine eBhayibhileni (kukhokela phambili eyenziwa noAdam, Nowa, noAbraham), kuze kuwo uThixo azityhile ngokupheleleyo ngakumbi kunangaphambili, ngakumbi njengokuba kumiselwa yonke inkonzo yasengcweleni. Ngoko ke, ingcwele iba yindlela ekuthi ngayo [uThixo] abonise ngayo abantu icebo losindiso ababeza kulityhila ehlabathini. Nangona uYehova wayemhlangule uIsrayeli emakhamandeleni aseYiputa, wayefuna ukuba baqonde ukuba ukuhlangulwa kwaye kunentsingiselo enkulu kakhulu, nebaluleke ngakumbi kunokuba bakhululwe nje esonweni, ubukhoboka bokugqibela, kwaye oku kunokwenzeka kuphela ngombingelelo kaMesiya, njengoko ufundiswa kwiintlobo nemifuziselo yenkonzo yasengcweleni. Akumangalisi,ke ngoko, ukuba, kwathi kungekudala emva kokuba behlangulwe ebukhobokeni, banikwa umthetho, amaIsrayeli ayalelwa ukuba akhe inkonzo yengcwele, kuba kuyo uThixo wabatyhilela icebo lokuhlangulwa, icebo elaliyintsingiselo enyanisileyo nenjongo yomnqophiso. Kaloku umnqophiso awunto xa ungenguwo umnqophiso wosindiso, alunikayo uYehova kuluntu oluwileyo. Kwakunjalo e-Eden, kanti kwakunjalo naseSinayi.

Kwakutheni ukuze umnqophiso phakathi kukaThixo nabantu bakwaIsrayeli ube yinto efunekayo? (Khangela: Dut. 29:10-13, qaphela, kwakhona, umba wobudlelane womnqophiso.)

Lwesithathu

12 Meyi

UThixo NoIsrayeli

“Ngoku ke, ukuba nithe naliphulaphula okunene izwi lam, nawugcina umnqophiso wam, noba yinqobo kum kwizizwe zonke, kuba ihlabathi lonke lelam; nibe bubukumkani bababingeleli kum nohlanga olungcwele. Ngawo lawo amazwi oya kuwathetha koonyana bakaIsrayeli nalo” (Eks. 19:5, 6).

Kwezi ndima, uYehova uceba umnqophiso waKhe nabantwana bakwaIsrayeli. Nangona kwenye indlela uThixo ebabizile, olo bizo aluzenzekeli ukunikwa phezu kwabo bengakhange banyule. Kwakufuneka ukuba basebenzisane [noThixo]. Kwanokuhlangulwa kwabo eYiputa kwahlanganisa nokusebenzisana kwabo: Ukuba babengazange bakwenze oko uYehova wayethe mabakwenze (njengokuqaba igazi emigubasini yeminyango), ngebabengazange bahlangulwe. Yayilula kangako loo nto. Nalapha, uYehova akathi kubo, “Nokuba niyathanda anithandi—niza kuba ligugu elilodwa kum nesizwe sababingeleli.” Ayisebenzi ngolo hlobo, kwaye asinto leyo ethethwa yindima.

Funda uEksodus 19:5, 6, ocatshulwe ngentla. Uyiqonda njani into ethethwa nguYehova ngokomba wokusindiswa ngokholo? Ingaba umyalelo olapho wokuthobela uYehova ngandlela ithile uyayicima imbono yokusindiswa ngobabalo? Ezi ndima zilandelayo zikunceda njani ukuba uyiqonde impendulo? Roma 3:19-24; Roma 6:1, 2; Roma 7:7; IsiTyh. 14:12.

“Asamkeli kusindiswa ngokuthobela kwethu; kuba ukusindiswa kusisipho sikaThixo, esamkelwa ngokholo. Kona ukuthobela kusisipho sesisa sikaThixo, sokwamkelwa ngokholo. Kona ukuthobela kusisiqhamo sokholo.”—Ellen G. White, *Amanyathelo Okuya KuKristu,* p. 61. Cinga ngoko uYehova wayenentumekelelo ukukwenzela isizwe sakwaIsrayeli: akazange anele nje ukubahlangula ngomangaliso kubukhoboka baseYiputa, kodwa wayefuna nokubenza abaKhe abaxabisekileyo, isizwe sababingeleli. Eseke ulwalamano lwabo naYe phezu kosindiso lwaKhe (ngokwasemhlabeni, njengokuphuma eYiputa ebukhobokeni, nangonaphakade), uYehova wafuna ukubaphakamisela kumgangatho owawuza kubenza ukuba babe sisibonelo somhlaba wakudala ngokwasemoyeni, ngobuchopho, nasekuziphatheni. Konke ngenjono yokubasebenzisa ukuba bashumayele igospile kuzo zonke izizwe. Into ekuphela kwayo ekwakufuneka beyenzile, ukusabela, yayikukuthobela.

Kungaziphi iindela ekufuneka amava wethu buqu ngabanye ngabanye neNkosi abonise kwaloo mthetho-siseko mnye siwubona apha kwisifundo sanamhlanje?

Lwesine

13 Meyi

Izithembiso, Izithembiso . . . (Eks. 19:8)

Xa ujonga nje okokuqala, konke kukhangeleka kulungile. UYehova uhlangula abantu baKhe, ubanika izithembiso zomnqophiso, nabo bayavuma: baya kukwenza konke oko uYehova athi mabakwenze. Sisivumelwano "esenziwe ezulwini," kunjalo?

Funda ezi ndima zilandelayo. Ithini imbono eziyinikayo ngokubhekiselele ekusabeleni kukaIsrayeli kumnqophiso?

Roma 9:31, 32

Roma 10:3

Heb. 4:1, 2

Nokuba yintoni athi uThixo masiyenze, ulwalamano lwethu naYe kufuneka lusekwe phezu kokholo. Ukholo lunika isiseko ekulandela imisebenzi phezu kwaso. Imisebenzi, kuyo nangokwayo, nokuba iqhutywa ziinjongo ezintle kangakanani, nokuba inyaniseke kangakananii, nokuba mininzi kangakanani, ayisokuze yamkeleke emehlweni kaThixo ongcwele. Ayizange ikwazi ngexesha likaIsrayeli, kwaye ayinako nangelethu ixesha. Ukuba iBhayibhile icinezela iphindaphinde imisebenzi, kutheni le nto imisebenzi ingenako ukusenza samkeleke emehlweni kaThixo? (Bona: Isa. 53:6; Isa. 64:6; Roma 3:23.) Ngelishwa, abantu bamaHebhere babekholwa ukuba ukuthobela kwabo kungayindlela yokusindiswa kwabo, kungabi sisiphumo sosindiso. Bazama ubulungisa ekuthobeleni kwabo umthetho, bengafuni ubulungisa bukaThixo, obuza ngokholo. Umnqophiso waseSinayi—nangona uza nobuceducedu bodederhu lwemiyalelo nomthetho—wawulungiselwe umnqophiso wobabalo njengayo yonke iminqophiso engaphambili. Olu babalo, lunikwe ngesisa, luzisa entliziyweni utshintsho olukhokelela ekuthobeleni. Ingxaki, phofu, yayingekuko ukuzama ukuthobela (umnqophiso wawufuna ukuba bathobele); ingxaki yayiluhlobo "lokuthobela" ababekunika, olwalungekuko ukuthobela ngenene kwaphela, njengoko yabonisayo imbali elandelayo yesizwe.

Funda ngocoselelo umaRoma 10:3, ngakumbi indawo yokugqibela. Wenza ngongoma ithini apha uPawulos? Kwenzeka ntoni ebantwini abazama ukumisela obabo ubulungisa? Kungani ukuba loo mzamo uphelele ekukhokeleleni esonweni, ukungalungisi, novukelo? Masikhangele kobethu ubomi. Ingaba asikho kwingozi yokwenza kwaloo nto inye?

Lwesihlanu *14 Meyi*

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "IMfuduko," amaph. 281-290; "Ukusuka KuLwandle oluBomvu Ukuya ESinayi," amaph. 291-302; "Umthetho Unikwa UIsrayeli," amaph. 303-314, kuAmanyange Nabaprofeti. "Umoya wobukhoboka uqiniswa kukuzama ukuphila ngokwenkolo yomthetho, ngokuzama ukuzalisa amabango omthetho ngawethu amandla. Likho ithetmba esinalo kuphela xa sisiza phantsi komnqophiso ka-Abraham, ongumnqophiso wobabalo ngokholo kuKristu Yesu. Iindaba ezilungileyo ezashunyayelwa ngu-Abraham, awathi ngazo wanethemba, zikwazizo ezi ndaba zilungileyo zishunyayelwa kuthi namhlanje, ekuthi ngazo sibe nethemba. UAbraham wayekhangele kuYesu, okwayiMbangi noMgqibelelisi wokholo lwethu."—Ellen G. White Comments, *The SDA Bible Commentary*, vol. 6, p. 1077. "Ngexesha lobukhoboka eYiputa, amaIsrayeli amaninzi, kakhulukazi, alahlekana nokuwazi umthetho kaThixo, axuba imiyalelo namasiko nezithethe zabahedeni. UThixo wabazisa eSinayi, waza apho, ngelaKhe ilizwi, wawuvakalisa umthetho waKhe.."—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti*, iph. 334.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Kungaziphi iindlela ekwalungiselWa ukuba ulwalamano lomnqophiso lugcine iinkululeko zikaIsrayeli zasenyameni nasemoyeni? (Bona: Lev. 26:3-13; thelekisa noDut. 28:1-15.)

2. Funda kwakhona uEksodus 19:5, 6. Qaphela uYehova esenza le ntetho, "Ihlabathi lonke lelam." Kwakutheni ukuze athethe loo nto, ngakumbi kule meko, eyokuzama ukumisa umnqophiso naba bantu? Ukuyiqonda kwethu iSabatha, nento ethetha yona, kungena njani apha?

3. Siyaqonda ukuba sizixolelwa izono zethu kuphela ngobabalo lukaThixo. Siyiqonda njani indawo yobabalo lukaThxo ekusenzeni sikwazi ukuphila ubomi bokholo nokuthobela?

Isishwankathelo: Umnqophiso awawenzayo uThixo noIsrayeli eSinayi wawungumnqophiso wobabalo. Akuba enike ubungqina obuninzi ngothando lwaKhe olunenceba nenkathalo ngesenzo esingokuhlangula okungaphezu kokuqonda ebukhobokeni baseYiputa, uThixo umemela isizwe emnqophisweni naYe owawuza kuzigcina uzikhulise iinkululeko zabo. Nangona uIsrayeli wasabela ngokuvuma, babeswele ukholo lwenene oluqhutywa luthando. Imbali yabo yamva iyabonisa ukuba, indawo enkulu, basilela ukuqonda indalo eyiyo yomnqophiso baza bawonakalisa ngohlelo losindiso-ngemisebenzi. Asidingi ukuba silandele ukusilela kukaIsrayeli silutyeshele ubabalo olumangalisayo ololulelwe aboni.